Isalathiso: 20170113-7260
12/2/13/5
Imibuzo: KuBalawuli beZithili

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCG 0004/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli; kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule (*SIGPM*); kumaSekela eeNgcali zeMfundo; kuBacebisi ngeziFundo nakwiiNqununu zeZikolo eziPhakamileyo

Isihloko: Ukusiwa kweencwadana ethi, *Tips For Success*, yabafundi beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2017

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lilungise incwadana ethi, *Tips for Success*, ukwenzela abafundi ngabanye beSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ukubanceda kumalungiselelo abo oviwo. Le ncwadana inika iingcebiso ngokufunda, iingcebiso ngeemviwo, iingcebiso ngokuphumelela kwanenye ingcaciso eluncedo.

2. Le ncwadana mayinikwe umfundi ngamnye weBakala 12 ngoJanuwari 2017.

3. Ukongezelela kwiincwadana ezenzelwe abafundi, kuya kufakwa iincwadana ezongezelelweyo **zikatitshala ngamnye weBakala 12**. Ezi ncwadana ziya kuziswa ezikolweni ngamagosa ezithili kuzo zonke izikolo eziphakamileyo ungadlulanga owe-25 Januwari 2017.

4. Ukuba kuthe kanti inani leencwadana eziziswe esikolweni alichanekanga, kucelwa uqhagamshelane ne-ofisi yesithili sakho. Iincwadana ezingaphezu kwemfuneko mazibuyiselwe kwi-ofisi yesithili.

5. Khon' ukuze ezi ncwadana zibe nesiphumo esinqwenelekayo sokuncedisa abafundi kumalungiselelo abo eemviwo, **kucetyiswa kakhulu ukuba ootitshala baxoxe ngokuqulethwe yile ncwadana neeklasi zabo zeBakala 12** yaye bakhuthaze abafundi ukuba bayifunde le ncwadana.

6. Amaphepha emibuzo eemviwo ze*NSC* zexesha elidlulileyo neememorandam zokumakisha zinokufunyanwa apha http://wced.school.za.

7. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-01-18

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: +27 21 467 2630 fax: +27 21 467 9370
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za